# Okuqulathiweyo


| | | |
|---|---|---|
| **1** | Indalo NokuWa—Septemba 28-Oktobha 5 | 118 |
| **2** | Intsusa Yokungamanyani—Oktobha 6-12 | 126 |
| **3** | "Ukuze Bonke Babe Banye"—Oktobha 13-19 | 134 |
| **4** | Isitshixo Sokungena Kubunye—Oktobha 20-26 | 142 |
| **5** | Amava Obunye Kwibandla Lokuqala—Oktobha 27-Novemba 2 | 150 |
| **6** | Imifanekiso Yobunye—Novemba 3-9 | 158 |
| **7** | Xa Kubakho Ungquzulwano—Novemba 10-16 | 168 |
| **8** | Ubunye Elukholweni—Novemba 17-23 | 176 |
| **9** | Obona Bungqina Boyisayo—Novemba 24-30 | 184 |
| **10** | Ubunye Nolwalamano Oluqhawukileyo—Disemba 1-7 | 192 |
| **11** | Ubunye Elunqulweni—Disemba 8-14 | 200 |
| **12** | Uqulunqo Lwebandla Nobunye—Disemba 15-21 | 208 |
| **13** | Ukubuyiselwa Kobunye Okokugqibela—Disemba 22-28 | 216 |



**Iofisi Yabahleli**
12501 Old Columbia Pike
Silver Spring, MD 20904

**Sityelele Kwi-Web site:**
http://www.absg.adventist.org

**Onegalelo Elikhulu Esifundweni:**
Denis Fortin

**Umhleli:**
Clifford R. Goldstein

**Isekela-mhleli:**
Soraya Homayouni

**Umanejala Wopapasho:**
Lea Alexander Greve

**Oncedisayo Ekuhleleni:**
Sharon Thomas-crews

**Ohlanganisa Konke EPacific Press:**
Wendy Marcum

**Umzobi Nocwangciso:**
Lars Justinen

**Oguqulele EsiXhoseni**
Mpumelelo I. Buwa



© 2018 General Conference of Seventh-day Adventists®. Onke amalungelo agodliwe. Akukho ndawo kwiSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala, (uMgangatho oHleliweyo) inokuhlelwa, itshintshwe, ilungiswe, iqhelaniswe, iguqulwe, yandiswe, okanye ipapashwe ngumntu okanye umbutho ngaphandle kokuba, phambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esibhaliweyo esiphuma kwiGeneral Conference of Seventh-day Adventists®. Iofisi zezahlulo zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® zinegunya lokulungiselela ukuguqulwa kweSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala phantsi kwemiqathango ekhokelayo emiselweyo. Ilungelo lobunini benguqulelo ezinjalo kunye nokusasaza kwazo kuya kuhlala kulilungelo leGeneral Conference. U"Seventh-day Adventist," "Adventist" kunye ne`logo' yelangatye ziimpawu zorhwebo ezisemthethweni zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® kwaye azinako ukusetyenziswa ngaphandle kokuba, ngaphambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esiphuma kwiGeneral Conference.

# Ubunye Bethu KuKristu

Ibandla lilusapho lukaThixo emhlabeni: ukukhonza, ukufunda, nokunqula kunye. Likhangele kuYesu njengenkokeli noMhlanguli, ibandla libizelwe ukuba lise iindaba ezilungileyo zosindiso kubo bonke abantu. Inkolo esisiseko yebandla iSeventh-day Adventist ye-14 inendawo ethi: 14. Ubunye Kumzimba KaKristu: Ibandla lingumzimba omnye onamalungu amaninzi, abizwe kuzo zonke izizwe, neentlanga, neelwimi nabantu. KuKristu siyindalo entsha; ukwahlukana ngokobuhlanga, inkcubeko ngemfundo, nobuzwe, nokwahlukana phakathi kwabaphakamileyo nabaphantsi, phakathi kwezityebi namahlwempu, phakathi kwamadoda nabafazi, konke akufuneki kube nokusahlula thina. Siyalingana sonke kuKristu, othe, ngoMoya omnye wasibophela kubudlelwane obunye kunye naYe nomnye komnye, simele ukuba sikhonze okanye sikhonzwe ngokungenamkhethe okanye ukuzibamba. Ngokutyhilwa kukaYesu Kristu eziBhalweni, sabelana ngokholo olunye nethemba elinye, siphume nobungqina obunye boThixo oziQu-zithathu, othe wasizala njengabantwana baKhe."—*Seventh-day Adventists Believe* (Boise, Idaho: Pacific Press© Publishing Association, 2005) p. 163.

Phofu ke sithetha ntoni ngebandla? Ngubani ongowebandla? Impendulo kuloo mibuzo ixhomekeke nganxanye kwindlela esilichaza ngayo ibandla. Ibandla ngokuqinisekileyo liqela labantu abangamakholwa abahlala ndawonye abathobela iNkosi nabahlangana kunye ukuba banqule bakhonze. Banokuba bahlangana bengamabandla asezindlwini zasemakhaya okanye bengamabandla amakhulu (Roma 16:10, 11). Ngebandla [inkonzo] sikwathetha indlu apho amaKristu ahlangana khona. Asiyiyona nkcazo yebandla intle kakhulu le. Ibandla [nkonzo] ngabantu, ayizozindlu. KwiTestamente eNtsha, ngamanye amaxesha ibandla libhekisa kwiqela lamakholwa akummandla othile. Ngoko ke, xa uPawulos ethetha

nebandla eliseGalati, ubhekisa kumaqela akwiidolophu neelali ezikuloo mmandla (Gal. 1:2; bona naku-1 Pet. 1:1). Maxa wambi, ngebandla sithetha iqela labantu benkonzo ethile okanye abazibiza ngegama elithile abalinikwe ngenxa yeenkolo zabo kunye nelifa labo.

Sekunjalo, zonke ezi nkcazo aziphelelanga. Ibandla ngabantu bakaThixo phezu komhlaba wonke. Nangona uKristu enabalandeli abathembekileyo kwiinkonzo ngeenkonzo (nabaninzi kubo abaya kuthi, ngexesha lentlekele yokugqibela, bazimanye nesisalela sikaThixo [IsiTy. 18:1–4]), kule kota siza kuqwalasela kwelethu ibandla, iSeventh-day Adventist Church, nokuba buthetha ntoni ubunye kuthi.

Injongo yolu luhlu lwezifundo zeBhayibhile kukunika imfundiso ngomxholo wobunye bobuKristu wethu singamaSeventh-day Adventists, abathi ngoku, njengamaxa onke, bajongane nemingeni kobo bunye, kwaye siya kuqhubeka sihlangana nayo kude kube sekupheleni kwexesha.

Phofu ke, eziBhalweni, sifumana iimbono neemfundiso eziliqela ngendlela yokusiphila isipho sikaThixo sobunye kuKristu. Ezo mbono, ezo mfundiso ngendlela yokuphila nokubonakalalisa ebandleni lethu ubunye esibunikiweyo, yeyona nto siqwalasela yona kule kota.

*UDenis Fortin uyiprofesa yokufunda ngoThixo kwiSeventh-day Adventist Theological Seminary, eAndrews University, Berrien Springs, Michigan. Kususela ukuba wazimanya neli sebe leTheological Seminary ngowe-1994, uFortin usebenze njengomlawuli wenkqubo yeMaster of Divinity (1999–2001), nomsebenzi kunye nophethe isebe elo (2000–2004), usihlalo weDepartment of Theology and Christian Philosophy (2006), kutsha nje, ukuza kufika ngoku kungekudala, waba ngumphathi, (2006–2013).*